INTLAWULO YOLWAPHULO-MTHETHO

OKO UMELE UKWAZI

IGQWETHA LAKHO – UMCEBISI WAKHO ONOKUMTHEMBA

Le ncwadana yenziwe ngenjongo yokuba kucaciswe iziphumo ezibakho xa umntu ehlawuliswa imali ngenxa yokwaphula umthetho. Inika namacebiso angezomthetho aluncedo xa abantu bebanjiwe baza bachazelwa ukuba mabahlawule imali ngenxa yetyala abalenzileyo.

Iyintoni Intlawulo Yolwaphulo-Mthetho?

ISebe Lamapolisa LaseMzantsi Afrika (South African Police Service) lisenokucela umntu obanjiweyo kuba erhanelwa ngolwaphulo-mthetho olungephi ukuba akhuphe intlawulo yolwaphulo-mthetho. Le ndlela iyinxalenye yenkqubo yezomthetho yeli lizwe, yaye ibonisa ubani ukuba uyavuma ukuba lukhona ulwaphulo-mthetho olungephi alwenzileyo kungakhange kufuneke ayokuma phambi kwejaji. Le ndlela ikwanciphisa umthwalo omkhulu weenkudla zamatyala. Ikwayindlela ekhawulezileyo yokusombulula amatyala angephi avunywa ngabantu ukuba bawenzile.

Noko ke, abantu abaninzi bayayikhupha intlawulo yolwaphulo-mthetho ukuze nje bakhutshwe elugcinweni lamapolisa – bengazi ukuba le nto ithetha ukuthini yaye iza kubashiya bekweyiphi imeko. Okubuhlungu, kukuba kukho imiphumo anokuhlala nayo umntu iminyaka emininzi xa ekhupha intlawulo yolwaphulo-mthetho.

Kucetyiswa ukuba umntu aqale athethe negqwetha ngaphambi kokuba akhuphe intlawulo yolwaphulo-mthetho.

Imeko kaMnu. Tong

Kule minyaka yakutshanje, iinkundla ziye zalungisa iimeko zokukhuntshwa ngokungafanelekanga kwentlawulo yolwaphulo-mthetho. INkundla Ephakamileyo: Kwicandelo EliseNtshona Koloni iye yahlola umbandela kaMnu. Tong oye wabanjwa ngenxa yokubekwa ityala lokuba nentsangu. Ngemini awabanjwa ngayo wakhululwa elugcinweni lwamapolisa emva kokuba uyise ekhuphe intlawulo yolwaphulo-mthetho. Uyise wafilisha namaphepha ukuze aqinisekise ukukhululwa konyana wakhe. UMnu. Tong akazange achazelwe ngeenkqubo zomthetho yaye amapolisa akazange amchazele nangeenkqubo ezilandelwa yinkundla.

Yena wayecinga ukuba ukhululwe ngebheyile ibe uza kuphinda avele enkundleni kungekudala. Zange aqonde ukuba uyise uye wambhatalela intlawulo yolwaphulo-mthetho. Zange afumane simemo simchazela ngosuku amakavele ngalo enkundleni.

Emva kweminyaka emithathu wafumana umsebenzi eSouth Korea wokuba ngutitshala wesiNgesi. Xa wafaka isicelo sokufumana amaphepha-mvume okuya kwelinye ilizwe wafumanisa ukuba unengxelo yolwaphulo-mtetho egameni lakhe. Zange awanikwe loo maphepha-mvume wabe ke akakwazi ukuya kwelinye ilizwe. Kwakhona, waba ngumntu ongakufanelekelanga ukuba angangutitshala. Intlawulo yolwaphulo-mthetho yaba nemiphumo ebuhlungu kuMnu. Tong. Uye wacela inkundla ukuba iwuhlole lo mba nothe kamva wabekelwa ecaleni yiNkundla Ephakamileyo.

Izinto ezintlanu omele uzazi

Ukuba wena okanye ilungu lentsapho liye labanjwa yaye linikwe ithuba lokuba likhuphe intlawulo yolwaphulo-mthetho – nazi izinto ezintlanu omele uzikhumbule:

1. Nokuba ubanjiwe unawo amalungelo

La malungelo aquka neli

- lokuthi cwaka,
- lokuxelelwa ukuba unako ukuthi cwaka,
- lokukhululwa elugcinweni, ukuba utyholwa ngokwaphula umthetho, ukuba iinkqubo zobulungisa ziyavuma,
- lokuxelelwa ukuba awunyanzelekanga ukulivuma ityala nto leyo Ibiza kusetyenziswa njengobungqina nxamnye nawe,
- ukuxelelwa isizathu sokuvalelwa kwakho,
- ukucela naliphi igqwetha okanye uRhulumente akwabele igqwetha ukuba kukho ubungqina obunamandla bokuba uye waphathwa ngokungekho mthethweni, yaye
- ukuncokola nokutyelelwa liqabane lakho lomtshato okanye isithandwa sakho, intsapho, ukukhetha umntu wonqulo oza komeleza okanye ugqirha.

Le ncwadana ayenzelwanga ukuchaza onke amalungelo umntu anawo xa ebanjwa, kodwa icacile into yokuba unelungelo lokuthi cwaka yaye awunakukwazi ukukhupha intlawulo yolwaphulo-mthetho.

2. Ukuthetha negqwetha

Kucetyiswa ukuba uthethe negqwetha lakho kuqala ngaphambi kokuba usayine into enokwenza nentlawulo yolwaphulo-mthetho. Ufanele ungayikhuphi intlawulo yolwaphulo-mthetho kuba nje ufuna ukukhawuleza ukhululwe eluvalelweni. Eso sigqibo sikhawulezileyo sinokuba nemiphumo ehlala ixesha elide. Kwezinye iimeko, kusenokuba yinto efanelekileyo kodwa mayenziwe emva kokuba kufunwe icebiso kwigqwetha.

3. Umele uxelelwe intsingiselo yayo

Amapolisa afanele akulumkise ngemiphumo eye ibekho xa umntu eyikhupha intlawulo yolwaphulo-mthetho. linkundla ziye zagqiba kwelokuba umntu otyholwayo umele

- axelelwe ukuba, ngokukhupha le ntlawulo uya kujongwa njengomntu oye wagwetywa yinkundla,
- isigwebo salawo utyholwayo siya kuvela egameni lakhe njengengxelo yolwaphulo-mthetho,
- xa umntu eyikhupha intlawulo yolwaphulo-mthetho uvula amathuba okusebenzisa amalungelo akhe okuba:
    - ayokuyilwa enkundleni,
    - athethe nabantu abamtyholayo,
    - abize amangqina,
    - nokumelwa liqweth.

Nceda ukhumbule ukuba amapolisa awakwazi ukuthi kuwe khupha intlawulo yolwaphulo-mthetho kuqala ngaphamgi kokuba akukhulule eluvalelweni. Ufanele unikwe ixesha lokuba ugqibe enoba uza kuyikhupha kusini na intlawulo yolwaphulo-mthetho. Le nto inokwenziwa emva kokuba ukhululwe.

4. Imali yebheyile yahlukile kwintlawulo yolwa-phulo-mthetho

Ukukhupha intlawulo yolwaphulo-mthetho ayikokuhlawula imali yebheyile. Nazi izinto ezibonisa umahluko phakathi kwezi zinto zimbini.

Intlawulo yolwaphulo-mthetho ibonisa ukuba uye wagwetywa ngenxa yokwaphula umthetho. Le nto ibonisa ukuba lo mba uye wasingathwa wagqitywa ibe ecaleni kwegama lakho kuya ku-vela ingxelo yokwaphula umthetho. Awuzukuyifumana imali oye wayihlawula yaye awuzukuvela phambi kwenkundla kwakhona.

Imali yebheyile ibonisa ukuba umcimbi wakho awugqitywanga yaye ujongwa njengongenatyala ude ube ufunyaniswe unalo. Xa uyihlawula le mali akuthethi kuthi uyavuma ukuba unetyala yaye akukho sigwebo usifumanayo. Usamele uvele enkundleni yaye uza kuyifumana kwakhona imali yakho ukuba uye wey-enza imiqathango ehamba nebheyile.

5. Cinga ngemeko eza kubeka kuyo kwixesha elizayo

UMnu. Tong khange akwazi ukufumana amaphepha-mvume okuya kwelinye ilizwe yaye ebengakufanelekeli ukuba an-gaphinda asebenze njengotitshala. lindawo osenokuqeshwa kuzo zisenokufuna ukwazi ukuba wakhe waphula umthetho waza wagwetywa. Lento isenokukubeka kwimeko yokuba ungawufumani umsebenzi okanye yenze kube nzima ukuba uqeshwe. INkundla Ephakamileyo: Kwicandelo Lasekuhlaleni EGauteng liye lathi: 'Ingxelo yolwaphulo-mthetho iba ngumqobo kumathuba avelayo afana nokuqeshwa, ukuya kwezinye iindawo nakwezinye iinkalo zobomi".

Ukuyikhupha intlawulo yolwaphulo-mthetho kusenokuyilimaza inkululeko yakho yokuya kwezinye iindawo nokukhetha umse-benzi owufunayo.

INTLAWULO YOLWAPHULO-MTHETHO

OKO UMELE UKWAZI

LAW SOCIETY OF SOUTH AFRICA

Tel: (+27) 12 366 8800
Fax: (+27) 12 362 0969
www.LSSA.org.za

P O Box 36626
Menlo Park 0102
Docex 82, Pretoria
304 Brooks Street
Menlo Park, Pretoria 0081

© Law Society of South Africa 2013. Picture source: © iStock
Le ncwadana inenkcazelo kuphela, ngoko ke ayimele ijongwe njengecebiso legqwetha.